URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Iziko leeFoni
ICandelo lokuGaya nokuKhetha aBasebenzi
0861 819 919

Inombolo yefayili.: 3/2/3/3
Isalathiso: 20220824-5777

ISetyhula: 0036/2022
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zamaziko emfundo nakuMalungu amaBhunga oLawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yenzelwe ukwazisa abathathi-nxaxheba ukuba ukuqeshwa kootitshala abangaqeqeshwanga ngokufanelekileyo kuchasene nemigqaliselo yaye akusayi kuphinda kuvunywe.*

Isihloko: Ukuqeshwa kootitshala abangaqeqeshwanga ngokufanelekileyo

1. Le setyhula isebenza kuwo onke amaziko emfundo akwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe i*WCED*).

2. Kucelwa nifunde iNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuGaya nokuKhetha aBasebenzi 0003 ka-2019, yomhla we-29 Meyi 2019, enesihloko esithi, Imvumelwano eHlaziyiweyo yenkqubo yokuqeshwa kootitshala abasezikolweni. Phakathi kweminye imibandela, le ngcaciso imfutshane ibonelela ngokuqeshwa kootitshala abadla umhlala-phantsi nabasuka kwamanye amazwe ngemvumelwano lo gama kufuneka kufezekiswe imiqathango ethile.

3. NgokweMigaqo yoLawulo lwaBasebenzi (*Personnel Administrative Measures),* iSahluko B: B.3.2.1.1, ukuqeshwa njengotitshala kwicandelo lezemfundo, kunyanzelekile ukuba utitshala, ekuqeqshweni kwakhe, abe kanti:
   (a) uwuqeqeshelwe ngokufanelekileyo umsebenzi (*qualified)* yaye
   (b) ubhaliswe ngokusemthethweni kwiBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika (*South African Council for Educators* (*SACE*)).

4. Ngokungqinelana nombono weSebe i*WCED* wemfundo esemgangathweni kumntwana ngamnye kwiklasi nganye, kwisikolo ngasinye, kwiphondo lethu, ngokwenjenje kwaziswa bonke abathathi-nxaxheba ukuba bayeke ukuqesha ootitshala abangaqeqeshwanga ngokufanelekileyo.

5. Ngako oko ke, kucetyiswa bonke abathathi-nxaxheba ukuba izicelo zokuqeshwa kootitshala abangaqeqeshwanga ngokufanelekileyo, ezifunyenwe ukususela **ngowe-01 Oktobha 2022**, aziyi kwamkelwa. Ukuba amaziko emfundo ayaqhubekeka nokuqesha iinkonzo zikatitshala ongenamabanga emfundo afanelekileyo **ngaphaya kwalo mhla**, kuya kulandelwa iinkqubo ezimiselweyo zolawulo lweziphumo zoku.

6. Umnyinyiva ekukuphela kwawo onikiweyo kukuqeshwa kootitshala abangenaziqinisekiso zemfundo (ootitshala abakunyaka wabo wokugqibela wezifundo) ngokuxhomekeka ekubeni utitshala agqibe zonke iimodyuli ezingekagqitywa ukuze afumane ibanga lemfundo loqeqeshelwe ukufundisa ngenjongo yokuba baqwalaselwe ingqesho esisigxina.

7. Ootitshala abangaqeqeshwanga ngokufanelekileyo mabakhuthazwe ukuba baqhubele phambili nezifundo zabo ngenjongo yokufumana amabanga emfundo afanelekileyo ukuqeshwa kwicandelo lezemfundo.

8. Ngaphezulu, abathathi-nxaxheba mabaqinisekise ukuqeshwa ngokusisigxina kootitshala abaqeqeshwe ngokufanelekileyo besithuba senqanaba 1, ngokugaywa nangokhethwa kwabasebenzi okanye ngenkqubo yokutshintshwa kwengqesho.

9. Okubhalwe kule setyhula makwaziswe bonke abaqeshwa beSebe i*WCED* nabathathi-nxaxheba ukuze bakuthathele ingqalelo ngokungxamisekileyo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-09-22